01/06/2021

*Monthly - Issue 1*

# MBHASHE NEWS

IINDABA ZETHU

***Dutywa – Gatyana – Xhorha - Centane** neziphaluka.*

indabazethu@mbhashenews.co.za - mbhashenews@gmail.com | 081 335 3343

**Phakathi**

Fumana zonke iindaba ezenzeka eMbhashe nakwi Sithile sase Amathole

We also cover stories from national, Sport and more.

- Uzakube esonwabisa uluntu uJwarha no sapho lwakhe ku Gatyana.
- Icawe yindawo yokukhonza hay'impalalo gazi, elinqaku – ku Khasi -2
- Ikhala kamnandi iwiyalesi uMbhashe FM kumnatha we intanethi.
- Kuzakubanjwa umdyarho wamahashi ku Mahasana, ku Gatyana.

# uMdyarho wamahashe ku Gatyana

## Eziphambili

### Axhotyisiwe amafama

Udlulise ngolwazi uMasipala wase Mbhashe kumafama alengingqi befundiswa ngo limo. Olufakano mlomo belubanjelwe eQombe phantsi ko Masipala wase Mbhashe.

### Bekubanjwe iCareer Talk

Ibeyimpumelele iCareer Talk ebibanjelwe eMpozolo ku Gatyana, luphume ngobunzi uluntu ukuzokuzivela ngaba kuphathelwe ngabakwa SDF Foundation nabaxhasi babo. Beluphume ngobunzi ulutsha

### Mbhashe News

Eliphephandaba lipapashwa phantsi kwe **MB Media**

Contact us: 081 335 3343
: 065 118 9945
mbhashenews@gmail.com
indabazethu@mbhashenews.co.za
www.mbhashenews.co.za

MB Media

WOULD YOU LIKE TO OWN YOUR ?

- WEBSITE
- ADVERTISING
- ONLINE RADIO STATION

LOOK NO FURTHER WE ARE MBHASHE ONLINE – 081 335 3343 – SUREJOE@GMAIL.COM
WWW.MBHASHEONLINE.CO.ZA

### Mahasana!!!!!

Aza kube egabadula ku mabala akuMahasana amahashe omdyarho. Ngokwengxelo epapashiwe uMasipala wase Mbhashe ququzelela lomdyarho ekulindeleke ukuba ubesekuqaleni kwinyanga ka Juni. Uceba wakwa wadi 22 ubhale wathi inkcukacha ezithe vetshe zizakuthi ziphinde zivakaliswe

*Elinqaku - kwikhasi 2*



"Sisigebenga ipolisa laku Centane" - *khasi 2*

## Ukhala ka mnandi uMbhashe FM!!

UMbhashe FM sisikhululo sika nomathotholo esisasaza ku mnatha we intanethi. Injongo yesisikhululo kukuba sisasaze sifumaneke nakumakhaya angakwaziyo ukufikelela kubuxhakaxhaka be intanethi yale mihla. UMbhashe FM ufumaneka ku www.mbhashefm.co.za

MBHASHE FM
FEEL IT LOVE IT
ZIVE USEKHAYA
WWW.MBHASHEFM.CO.ZA

**Mbhashe News:** Liphephandaba le intanethi eliphantsi ko Mbhashe Online nelizimisele ukupapasha iindaba ezenzeka kwingingqi yo masipala wase Mbhashe (Dutywa, Gatyana, Xhorha) nengingqi ezingqongileyo. Eliphephandaba le intanethi lipapasha ngolwimi lwesiXhosa ubukhulu becala, likwasebenzisa nesiNgesi kumanqaku esiwafumene kwabanye abashicileli. Iinjongo zethu siyi Mbhashe News kukucholachola phantse zonke iindaba ezingapapashwayo ngamaphephandaba ashicilela kulommandla, nokuthi sibalise ngendaba ezikhuthazayo, izinto ezakhayo nangezinto ezenzeka kwindawo esihlala kuzo. Besisayo kupapasha nge gama elithi Mbhashe Wethu News ngaphambili.

**Ufuna ukupapasha ishishini lakho ku Mbhashe News:**
**081 335 3343 okanye mbhashenews@gmail.com**

Would you like to see your business grow? Advertise your business with us: Focus on your cure business and let us focus on growing your business. We have 150 000 readerships including our listenership on our radio station. Call 081 335 3343 now

## Uzakubanjwe ku Mahasana umdyarho wamahashe




Ngu: Mfundo Mpathani

**Mahasana** - Umasipala waseMbhashe uququzelela umdyarho wamahashi ozobangomhla wesithandathu – 5 June 2021. Ukuba zonke izinto zihambe kakuhle lombhanti uzoqhubekela kumabala omdyarho akuMahasana. Ngokwengxelo yomququzeleli wamahashe kuGatyana uMr Nosilela uthe "ngale mini kobe kuboniswa imidlalo yentlobo zonke zamahashe. Ngomso ndizobe ndikulamabala omdyarho akuMahasana ukuyoncedisana nokujonga kumalungiselelo" Eli lelinye lamaphulo azonika umtsalane kubakhenkethi kule ngingqi ukwelekelela kwiTenza Festival neMbhashe Coast Hiking Challenge elungiselelwa impela veki ye16 June 2021. *"We support homestay accommodation, artists, hawkers, tour guides and transport operators. Please take note of these proposed dates and watch this space for details"* Ubhale watsho uMnumzana Ndinisa ongu ceba wakwa ward 22 phantsi kuka masipala wase Mbhashe ngethuba ebhala kwi khasi lakhe lonxibelelwano lika facebook. Uyibethele into yokuba maze siziqwalasele ezintsuku zikhankanywe ngasentl' apha kwaye sihlale sijongile ngenkcukacha ezithe vetshe

## Uyabuya ucimi danya wombane

Ukuqhawuqhawuka kombane kuyabuya kwilizwe loMzantsi Afrika, abakwa Eskom bazise ngokubuyiselwa kuka Stage 2 kuka cimi danya wombane ukusuka ngentsimbi yesihlanu ngenjika langa yange Cawa ukuya kwintsimbi yeshumi ngo Lwesibini ebusuku




## UMasipala wase Mbhashe udlulise ngolwazi ku mafama

**Dutywa** – UMasipala wase Mbhashe ube bambe inkqubo yokufundiswa kwa mafama ngezolimo. Olusuku lokwabelana ngolwazi kwezolimo belibanjelwe eQombe Cropping Fields kwa ward 8 ngomhla we 12 May 2021 ngentsimbi yeshumi kusasa – 10:00




**Iphephandaba lakho lamahala elikhuthaza ukupapashwa kwendaba zasekuhlaleni ngolwimi lwesi Xhosa. Xa ufuna ukupapasha inqaku okanye ishishini lakho qhagamshelana nathi ku: 081 335 3343/065 118 9945 / mbhashenews@gmail.com / indabazethu@mbhashenews.co.za**

## Icawe yindawo yokukhonza uYehova Kodwa ku Centane ijike yindawo yempalalo gazi

**Centane**: Sityelele iintsapho ezichaphazeleke yintlungu yokudutyulwa kwamalungu wentsapho zawo, ilungu losa pho luka mfundisi ngu Manene Cithwa nosixelele ukuba belusapho baxheleke kakhulu emphefumlweni ngesisehlo sokubulawa komfundisi ecaweni kuba lonto iyaqala ukwenzeka kweli lizwe. Ukanti othethel' usapho lako mkhulu uKwedinana Bushenge uthi belusapho abakazamkeli tu ezindaba kuye, kwaye kuzo zonke iziganeko ezathi zehla kuba uNkosi bebethembele beve kuthiwa inkosi ibulawelwe emzeni wayo. Unobangela walombhodamo ngumhlaba okokhiwe kuwo icawe umrhanelwa utyhola ngokuba ngumhlaba wakhe owathi wawuboleka icawe ukuba ikhonzele kuwo kodwa emveni kokuba ethe waqhekeka kule cawe wafuna umhlaba wakhe Kuvakala ukuba ngolwesine weveki ephelileyo ilanga lihlabe umhlaba umrhanelwa olipolisa wafika kwicaw' ku Centane kuvakala ukuba ufike nje wathulula ngembumbulu. kumfundisi ebehlel' emotweni yakhe ngaphakathi kumasango etyalike, wabuya wadubula wabulala nomzalwana kodwa omnye kubo uye wasinda. Abasebenzi ebebe sakha ityalike leyo benze owenkawu umtsi uku sindisa iimpilo zabo. Umrhanelwa uye wadlula wayongena kwi komkhulu nalapho athe wathulula ngembumbulu kwi Nkosi yelali yaswelcka.

### Nal' ilungu lo sapho licacisa kwabe ndaba



Ngamapolisa aku Centane kwaye uzovela enkundleni yamatyala ajamelane nezityholo. Abadutyulwe ngumrhanelwa ngu mfundisi webandla uRev Cithwa, inkosi yasekuhlaleni uNkosi Bushenge kunye nomzalwane webandla uMnu Ntsompo omnye othe wadutyulwa uthe wasinda

# Abakwa TZK Theatre bakuphathela uJwarha

**Gatyana**: IQhula nomonwabisi uJwarha nanjengoko esaziwa luluntu kumakhasi onxibelelwano negqiza le TZK Theatre lizakube lisonwabisa uluntu kwi holo ye dolophu ku Gatyana kungentsuku zatywala. UJwarha kwakunye nenkosikazi yakhe uNozinzile, abantwana babo uNgqayimbana no Qhagalakhe bazobe bekucubhula ngentsini ngomhla weshumi elinesithandathu – 16 June 2021. Ngoko mlomo ka TZK kuzabe, kukho imidaniso (dance), imibongo (Poerty), umculo kwakunye ne comedy. Iqala ngentsimbi yeshumi kusasa umnikelo uxabisa iR30.






# Ibeyi Mpumelelo i Career Talk eMpozolo

**Mpozolo**: Usuku ebelubekwe bucala njengosuku lokwabelana ngolwazi eMpozolo lubeyimpumelelo. Ulutsha lwalendawo kwakunye nendawo ezingqongileyo beluphume ngobuninzi uzokuzivela ngokunokokwalo abakuphathelwe ngabaququzeleli balendibano. Olusuku liququzelelwe yi SDF Foundation nezimisele ukuphucula imeko yezemfundo kwindawo zasemakhaya. Abakwa SDF Foundation bazise olusuku ngokubambisana nabaxhasi babo abafana no Sanlam, Nedbank, BrandSA, Auditor General South Africa kwakunye neziko lezemfundo iWalter Sisulu University. Ngokwamazwi ombulelo njengo Ceba walendawo uMnumzana Siviwe Mrobo wakwa ward 21 phantsi ko Masipala wase Mbhashe kwi khasi lakhe lonxibelelwano ubhale wathi "Yonk' into ihambe kakuhle, siyabulela kuba xhasi nakubo bonke abathathe inxaxheba, Sindisa Dunga kwakunye negqiza lakho le SDF sibamba ngazo zozibini Rhadebe" Lawo ngamazwi ka ceba esenza umbulelo ngolusuku kuluntu elenze iMpozolo Career Talk yabayimpumelelo.



## Sigwetyiwe isigebenga sendoda eXhorha



Ngu: Mbhaleli wethu

**Xhorha**: Igwetywe oodilikajele abathandathu indoda eyaxabela isinqandamathe nabantwana ngezembe! Litshon' emini namhlanje kuNowa Makula (32) oyinzalelwane yaseZimbabwe emva kokuthiwa nka ngoodilikajele abathandathu kwinkundla yamatyala eXhorha. UMakula ebejamelene netyala lokuxabela ngezembe nokubulala isinqandamathe sakhe uNomzamo Mhlathi (42) nabantwana bakhe abahlanu abanguAzakhiwe (10), Yibanathi (7), Wineka noThoko abangamawele (5) kunye nemveku eneenyanga ezintandathu ngethuba belele kulo nyak' uphelileyo. UMakula wakwenza oku kwilali yaseSidabekweni eXhora waze wayozimela kwindawo eGinsberg, eQonce, nalapho wabanjwa emva kweentsuku ezintathu emva kwesiganeko. Ilungu legunyabantu lotshutshiso (NPA), uAdvocate Barry Madolo uthe: "Sanelisekile siyiNPA ngoba le nto yenziwe ngulo mntu imbi kakhulu noko asiyiqhelanga kule ngingqi apho imiphefumlo engaka engenatyala ibulawe ngolu hlobo. Sixolile sesi sigwebo.Singathanda ukuthi akuhlanga lungehlanga kwakhona kwikhaya lamaxhoba!"

## Mbhashe FM

Mbhashe FM is an online community based radio station that broadcast local content 24 hours to the community of Mbhashe Municipality and to the world. Mbhashe FM is fully registered community radio station with the vision of being a community radio station broadcasting from South Africa to the world from the rural areas of Mbhashe in the Eastern Cape. Mbhashe FM is all about uplifting the community of Mbhashe Municipality (Dutywa, Gatyana , Xhorha - DGX) through the use of radio

MBHASHE FM
FEEL IT LOVE IT
ZIVE USEKHAYA
WWW.MBHASHEFM.CO.ZA

MB Media
WOULD YOU LIKE TO OWN YOUR ?
• WEBSITE
• ADVERTISING
• ONLINE RADIO STATION
LOOK NO FURTHER WE ARE MBHASHE ONLINE – 081 335 3343 – SUREJOE@GMAIL.COM
WWW.MBHASHEONLINE.CO.ZA

**Avoid covid 19 - Hlala endlini......**
**Thina sikuphathele iindaba | www.mbhashenews.co.za**



MBHASHE NEWS
IINDABA ZETHU

## BAKHALA NGOKUNGABIKHO KWAMANZ' EMENDWANA KU GATYANA



Ngu: Mfundo Mpathani

**Lurhwayizo** – Uluntu lwe lali yase Mendwane eLurhwayizo lukhala ngokusela nezilwanyana kwelothontsana lamanzi lifumanekayo kule lali. Ngokwengxelo ethiwe thaca kwidesika yethu yendaba zo Mbhashe News kwakunye no Mbhashe FM ngumhlali wale lali, u Amanda Thethi  uthe "ukususela ngonyaka ka 2018 kude kubengoku u2021 awekho amanzi, eyonanto ibuhlungu yile yokuba kufuneka sikhe emilanjeni njengokuba ubona  kwifoto, amanzi awacocekanga kuba nazo iinkomo zisela kwalapha kule ntlambo uyabona kunzima kum ukugoba kodwa ndingumntu omtsha kubekiselaphi kengoku kwinkondekazi ezihlala imihla nezolo kwezilali, ezihlala zisela lamanzi njalo. Lento ibeka impilo yabo kuxinizelelo lokuba bangosulelwe zizifo kuba basel' amanzi angacocekanga. Kwaye  bangonzakala kuba lendawo ayilungelanga ukuba kungahamba umntu, nantoni na ingenzeka nanje ngokuba uzibonela. Oomakhulu beth' abahoyekanga ku Mbhashe Municipality yiyo lento ndiyi reporter ngokwam ngoba sifuna utshintsho kwindawo esisuka kuzo" utyibele watsho umhlali wase Mendwana echaz' imbilini yakhe kwidesika yethu yendaba.

Ngokwengxoxo esiyifumeneyo ephakathi ko mhlali kwakunye, Sodolophu iquka no ceba uMnu Mrobo kuvakala ukuba kukho ilali ezinomceli mngeni kwakunye no Eskom ukusukela kunyaka ophelileyo, kodwa kuvakala ukuba lomcimbi wombane uyaqwalaselwa. Nezinye ilali ezingaphumi manzi ezifana no Mthokwane kwakunye no Nondobo ujongwe ngeliso elibanzi umcimbi wazo uzakuqwalaselwa, ilebele ngelitshoyo lengxoxo ithiwe thaca kwidesika yethu yendaba.

Kutshanje umbutho wezo politiko I African Christian Democratic Party uthe ufuna ukuyi bethelela into yokuba kulilungelo laye nabani kwilizwe loMzantsi Afrika ukuba afikelele kumanzi acocekileyo, uthutho lwelindle, isidima, kwakunye nobomi obukumgangatho olungileyo. Lo mbutho, ngokomlomo wenkokheli yawo uKenneth Meshoe uthe "bamalunga nezigidi ezithathu abantu abahlala kweli lizwe abangafikeleliyo kwinkonzo ezingundoqo zokuhanjiswa kwamanzi. Watsho esithi ukunkinkishwa kwamanzi ngeloli ezithwala amataki, lawo alingene ukuhlwanjwa kwezandla nokupheka kodwa hayi ukugungxulwa kwelindle"

**LISTEN LIVE**: Eli lelona gama liqheleke kakhulu kumakhasi onxibelelwano lisetyenziswa lijelo losasazo **uMbhashe FM** ukukhuthaza uluntu jikelele ukuba luphulaphule esisikhululo sika nomathotholo kumnatha wonxibelelwano nanjengoko sifumaneka apho kuphela. Ngena kwi webusayithi yethu www.mbhashefm.co.za. **Mbhashe FM** okwangoku awunayo ilayisenisi yokungena emoyeni.

# Zisavuliwe izicelo ze Inkciyo




Ngu: Mfundo Mpathani

**Xhorha** – Zimalunga nekhulu – (100) izicelo esele zingenisiwe kwabe Inkciyo EC ngabo bazimisele ukuthatha inxaxheba kulonyaka, kwaye basalinde ezinye izicelo. Ngethuba sithetha nomququzeleli we Inkciyo EC, uNasizo Mndende ukungqinile ukuba zisavuliwe izicelo kude ibe ngumhla wamashumi amathathu kwinyanga ka June (30-June 2021)

Inkciyo EC liphulo eliququzelelwa ngu Umzi Kantu kwakunye ne Bomvane Youth Foundation, iinjongo ukukuxhobisa nokuphakamisa ulutsha lomnt' omnyam' abaphuma kwindawo ezihlelekileyo zephondo le Mpuma Kapa. Oku ikwenza ngokuba nika ulwazi ibaxhobisa ekulweni indlala kwakunye nemicelimngeni echaphazela uluntu ingakumbi ulutsha kwindawo abahlala kuzo kwiphondo iMpuma Kapa isebenzisa ubugcisa ne nkcubeko.

Ukuba unqwela umntwana wakho athath'inxaxheba kulonyaka ungathi ufake isicelo sakho kwangoku phambi kokuba kufike umhla wamashumi amathathu kwe yeSilimela – 30 Juni 2021. "Ukuba umntwana wakho uneminyaka eqala ku 8 kwaye ufuna abeyinxalenye ye Inkciyo Eastern Cape, ungasibamba kuWhatsapp wethu ongu: 066 389 3218 . Closing date is 30th June 2021" utyibele watsho uNasizo Mndende ecacisa indlela yokuthatha inkxaxheba kwi Inkciyo EC. Lomsitho kunyaka ophelileyo ubuyimpumelelo ubanjelwe kwi dolophu yase Xhorha phantsi kwemiqathango engqingqwa ye covid 19. Kwinyanga ka Julayi abaququzeleli be Inkciyo EC bazokube bese, Hout Bay eKapa batshilo ngethuba sithetha nabo.

Kutshanje intombi ze Inkciyo Eastern Cape beziphahle, iiKumkani, iiKumkanikazi, iiNkosi, Oosihlalo beNkosi kwiDistricts kunye neEastern Cape House of Traditional leaders eCofimvaba ngethuba kubanjwe iSATLA Awards Launch.

Qhagamshelana ne Inkciyo EC ku Whats App: 066 389 3218 okanye ku facebook : http://fb.com/inkciyoec

MBHASHE SPORT
IMIDLALO YINTO YETHU

MBHASHE FM
ZIVE USEKHAYA
WWW.MBHASHEFM.CO.ZA

***Dutywa – Gatyana – Xhorha* - *Centane*** *neziphaluka.* indabazethu@mbhashenews.co.za - mbhashenews@gmail.com |081 335 3343

# Azakub'ephala kumabal'ezemidlalo ku Mahasana amahashe ase Mbhashe




*Ngomhla wesihlanu azakube ephala ku Mahasana amahashe omdyarho* *Photo: Facebook*

### Chiefs appoint Molefi Ntseki as Head of Technical and Youth Academy

Newly-appointentes Kaizer Chiefs head of technical and youth development, Molefi Ntseki, admit it has been a lifelong dream to work at Soweto giants. The Glamour Boys announced the arrival of Ntseki at the club on Monday, just two months since the South African Football Association (SAFA) sacked him as Bafana Bafana head coach. Ntseki is 52 years old.




### PSL unveil the Psl Awards 2021

The PSL has announced the PSL Awards 2021 and most interesting catergories: PSL Footballer of year, PlayersPlayer of the season and the Coach of the season.h

**Khulisa ishishini lakho..Advertise with us:** 081 335 3343/065 118 9945
mbhashenews@gmail.com okanye indabazethu@mbhashenews.co.za